**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesibini)**

# Possible Answers Supp 2007

## UMBUZO 1

| | | |
|---|---|---|
| 1.1.1 | Mandela / Rolihlahla / Nelson | (1) |
| 1.1.2 | Uthetha ukuba sambulala uNxele okanye watshona akazange abuye. | (2) |
| 1.1.3 | Ubhekiselele esiqithini solwandle apho kwakugcinwe khona amabanjwa ezopolitiko. | (2) |
| 1.1.4 | UVelevutha yinkulumbuso eyayiphethe ngelo lixa lokubanjwa kukaMandela. | (2) |
| 1.1.5 | LiseQunu eMpuma Koloni. | (1) |
| 1.1.6 | NgamaXhosa. | (1) |
| 1.1.7 | Kukulwela inkululeko okanye amalungelo abantu ngakumbi abamnyama. | (1) |
| | | **[10]** |

## UMBUZO 2

| | | |
|---|---|---|
| 2.1.1 | Ingaba ningabahambi kusini na? Umbuzo buciko. | (2) |
| 2.1.2 | Sesokutshintshwa komntu obongwayo esihlalweni sakhe. | (2) |
| 2.1.3 | Amadoda, amankazana | (2) |
| 2.1.4 | Kukoyika. | (2) |
| 2.1.5 | Ukumangaliswa / ukothuswa. | (2) |
| 2.1.6 | Umthathi uyawuzala umlotha. | (2) |
| 2.1.7 | Umntu olungileyo uyamzala umntwana ongalunganga. | (2) |
| 2.1.8 | Ngamankazana. | (1) |
| | | **[15]** |

2.2.1 Umbhali usebenzise isimntwiso simva kwisitanza sokuqala xa i-Afrika eyenza umntu esithi inefuthe lesingqala ilulwandle lweenyembezi. Ukanti umbhali ulusebenzisile ubaxo okanye ubabazo xa elinganisa iinyembezi nolwandle Kuba iinyembezi nokuba zingaba zininzi angekhe zibe ngango-lwandle.

Isingqisho sombhali siyabonakala kwisitanza sesibini ngokusetyenziswa kwemvano-siqalo, imfanozandi iqaqambile kumqolo wokuqala kwisitanza sesibini. Bagweqwa obo buncwane, yakha isingqisho. Uchasaniso nalo luyavela kumqolo wesithathu nowesine amakhala, ubusi.
Lubonisa ukuphela kwendyebo nokwanda kwendlala.

Umbuzo buciko nawo umbhali uwuqaqambisile, kumqolo wesithathu ukulumleka kwazimveku? nakumqolo wesine Ingab' ixesha selivuma? Esi safobe sibonakalisa ukuba umbhali akalindelanga mpendulo. Koko ubethelela ingcamango ethile ezingqondweni zethu kwakhona usivula ingqondo. **[15]**

**OKANYE**

2.3.1 Yintliziyo. (2)

2.3.2 Luchasaniso (1)

2.3.3 Izikweko: Liziko, Yintlambo, / luphinyano. (2)
Uchasaniso: Nax'ithul' iyathetha.

2.3.4 Isazela (2)

2.3.5 Zicetyw' aph' inkcuku namayelenqe (4)

2.3.6 Imvano siphelo (nendawo, indawo) / Imvano-siqalo 'Ku' (2)

2.3.7 geqe (2)
**[15]**

**OKANYE**

2.4.1 Nqwa, twatsa. (2)

2.4.2 Uding' izazi zokumxolisa kwande iingcinga zokumlilisa. (2)

2.4.3 Umbuzo buciko (2)

2.4.4 Sisifaniso (2)

2.4.5 Kusentliziyweni (2)

2.4.6 Luhlobo apha lwengca ebhityileyo (2)

2.4.7 Lungcungcutheko nokufa (2)

2.4.8 Ewe (1)
**[15]**

ICANDELO B

**UMBUZO 3.1**

3.1 Impixano ekule ncwadi iphakathi kukaZinzo noDlangisa. Mpixano ethi idalwe nguNomafa. Nomafa lowo oyinkosikazi kaZinzo, owathi wakhulelwa unyana ogama linguBhongo, nyana lowo ongumntwana, kaDlangisa.

Unobangela wempixano bubukhwele obuthi buvele kuDlangisa kuba engafumani mntwana kowakhe umtshato. Mpixano le sithi siyibone ngezikweko nezonyeliso eziphuma kuDlangisa zijolise kuZinzo. Siyamva uZinzo xa encokola nenkosikazi yakhe uNomafa esithi "aba bashumayeli benu bebhongo boza bayeke nini ukusihlalela ngentlamba kwezi mvuselelo zenu kule mifihlo?"

Le mpixano iphinde ivele phakathi KoDlangisa noNomafa Dlangisa lowo ujikelezana noNomafa kuba efuna umntwana wakhe uBhongo ukanti wayengenalo ixesha likaNomafa ngelixa wayekhulelwe, into awayeyenza kukumthuka embetha empikica kwaye emdovuza nangamanqindi kweso sisu ngelixa wayekhulelwe. **[30]**

**UMBUZO 3.2**

3.2.1 NguZinzo. (2)

3.2.2 KuMamNtakwenda. (2)

3.2.3 Kungenxa yokonyeliswa nguDlangisa kwimvuselelo nasemingcwabeni.. (4)

3.2.4 Uzikhusela ngokuthi xa esenkozweni nokuba yeyomngcwabo akatoliki ntshumayelo. (4)

3.2.5 ENyanga eKapa / emzini kaZinzo. (2)

3.2.6 Inkosikazi nomyeni. (2)

3.2.7 Njengoko uZinzo ebebukhathazeka ngenxa yezithuko nezenyeliso ezenziwa nguDlangisa, loo nto yenza kube nemo yonxunguphalo (4)

3.2.8 UCirha (2)

3.2.9 Hayi (2)

3.2.10 Umsindo uwukhuphela kuCirha ngokumnika amazwi arhabaxa/aqatha. Simva xa esithi uvula umfazi wakhe amehlo ukuba abone ubuze boCirha emaqongeni la badakasa kuwo. (4)

3.2.11 NguBhongo (2)
**[30]**

**OKANYE**

ICANDELO C

4.1 Ubuhlobo phakathi kukaSimeli buqale kumsebenzi wokukorekisha amaphepha eemviwo zebanga lesiBhozo. Njengoko uSimeli wayengumphathi, wayephambili nasekuqesheni. Kusekuqesheni apho ethe wahendeka akubon' inenekazi elihle kakhulu, intombi emhlophe okwe Qheyakazi, etsho ngeenwele ezimnyama tshu ogama linguYoliswa Kulapho kuthe kwaqala ubuhlobo, buhlobo obo bungezothando, obu buhlobo abuphelelenga emsebenzini kuphela buye baqhubeka nangaphandle kuba simbona uYoliswa emana ephuma noSimeli besiya ezihotele. Ukanti obu buhlobo bezothando sibubona buphazamisa nomzi kaSimeli, budala ingxabano phakathi koSimeli nenkosikazi yakhe uNokwanda.

Isiphelo sobuhlobo sibekraka okwencindi yekhala kuba uSimeli uthe xa efuna imali yakhe kuYoliswa wakhupha amazwi akhubekisayo, mazwi lawo athi kanene kufanele ayokurentisa ukuze akwazi ukubuyisa imali yakhe. Loo nto ke ayizange imphathe kakuhle uYoliswa yaba ke sisiphelo esingesihlanga sothando lwabo **[30]**

**OKANYE**

4.2.1 NguSimeli Sixaba (2)

4.2.2 Yoliswa Mkhwambi (2)

4.2.3 Sisicelo somsebenzi wokukorekisha (2)

4.2.4 Luthando (2)

4.2.5 Kusehotela eBurgerspark (2)

4.2.6 USimeli wayehambisa amaphepha waze wacela uYoliswa ukuba amkhaphe, kulapho ke athe wazityanda igila owasemzini, kanti uza kubhabhisa. (4)

4.2.7 Yazala ubuhlobo bothando phakathi koSimeli noYoliswa (2)

4.2.8 Waye eyintombi entle, ekumila kuhle kwaye ifaneleka ngokwesinxibo, kunye neenwele ezinde? (4)

4.2.9 Yiminyaka (njengoko uSimeli wayemdala kuYoliswa) Indawo abakhulele kuyo (Yoliswa ezidolophini, uSimeli ezilalini). (6)

Umtshato (uSimeli wayetshatile uYoliswa wayengatshatanga)

4.2.10
- UYoliswa walwamkela uthando lukaSimeli.
- uYoliswa wafuna ukuphathwa njengomfazi kaSimeli, oko kutsho wafuna ukwenzelwa yonke into, yena nomntwana wakhe, efuna nemali. (4)

**[30]**

**100**